



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2015**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P3  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 100**

---

Le memorandam inamaphepha ali-11.

---

**ICANDELO A: ISINCOKO****UMBUZO 1**

- 1.1 Bhala isincoko esiphela ngamazwi athi, “Ndavakala ndikhwaza ndisithi kwakhe kwanje phi na?”

Isincoko esibalisyayo/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/esicamngcayo.

Umfundi angachankcatha kule mixholo.

- Umfundi angabhala ngento exhokonxa umphefumlo eveza iimvakalelo zobumnandi, umz; uthweso zidanga.
- Umfundi angabhala ngento exhokonxa umphefumlo eveza iimvakalelo ezilusizi, umz; izenzo zobundlobongela, impatho gadalala.  
[Nayiphi eminye imixholo echanelekileyo iya kwamkeleka].

[50]

- 1.2 Icamva lomntu ngamnye lisezandleni zakhe.

Isincoko esibalisyayo/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/esicamngcayo.

Umfundi angachankcatha kule mixholo.

- Ukuthobela ingqequesho.
- Ukuzixabisa.
- Ukunyamezela isikolo.
- Ukusebenza nzima.

[Nayiphi eminye imixholo echanelekileyo iya kwamkeleka].

[50]

- 1.3 Umzali endinqwenela ukuba nguye ebantwaneni bam.

Isincoko esibalisyayo/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/esicamngcayo.

- Umfundi unokubonakalisa ukukwazi ukutolika imibono yakhe ngamazwi/ngamagama.
- Unokutyhila ukucingga nzulu nokuqiqha ngokuzithatha azibeke kwinqanaba elingentla kuneli akulo ngokweengcinga.
- Unokuchaza izinto angazenxa xa engangumzali.
- Unokuveza indlela aza kuzenza ngayo ezo zinto.
- Makabhale kwixesha elizayo.

[50]

1.4 Bhala isincoko esinesihloko esithi: Ubumnandi.

Isincoko esibalisyayo/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/  
esicamngcayo.

- Umfundu angachaza ukuba yintoni ubumnandi.
- Unokubonakalisa ubuchule bokuthelekisa ubumnandi kwakunye neziphumo eziza nezo ndidi.
- Ukuxola komphefumlo okuza nobumnandi.  
[Nayiphi eminye imixholo echanelekileyo iya kwamkeleka].

[50]

1.5 Ukuphucuka kwemfundo elizweni lethu kuxhomekeke kuthi sonke

Isincoko esibalisyayo/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/  
esicamngcayo.

- Umfundu angabeka uluvo lwakhe ngesincoko aluxoxele azixhase ngemizekelo.
- Angathatha icala, axhase okanye achase ezathuza.
- Angabonisa indlela ukuphucuka kwemfundo ekuxhomekeke ngayo ebantwini okanye ekungaxhomekekanga ngayo.
- Abeke izizathu zokuba axhase okanye achase ezo zimvo zakhe.  
[Nayiphi eminye imixholo echanelekileyo iya kwamkeleka].

[50]

1.6 Ndaqonda loo mini ukuba ilizwi lomntu omdala alidliwa nja.

Isincoko esibalisyayo/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/  
esicamngcayo.

Umfundi angachankcatha kule mixholo.

- Umfundu angaveza izinto ezibangela ukuba awakholelw la mazwi ngale mini.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo.
- Abalule oko kwakusenzeka ukuze ayiqonde inyaniso ethethwa ngala mazwi.
- Aveze ukuba kutheni engenakuze ayilibale nje le mini.
- Asebenzise ulwimi oluza kunika umfanekiso-ngqondweni kulowo oza kufunda.  
[Nayiphi eminye imixholo echanelekileyo iya kwamkeleka].

[50]

1.7 Jonga le mifanekiso ingezantsi uze ubhale isincoko. Sinike isihloko isincoko eso.

Isincoko esibalisyayo/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/  
esicamngcayo.

- Umfundu unokubonisa ukukwazi ukucinga.
- Unokudibanisa umfanekiso namava akhe okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokhelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Makanike isihloko sesincoko.

[50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.

Isincoko esibalisyaso/esichazayo/esixoxayo/esivelela amacala omabini/  
esicamngcayo.

- Umfundsi unokubonisa ukukwazi ukucinga.
- Unokudibanisa umfanekiso namava akhe okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokhelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Makanike isihloko sesincoko.

**[50]**

**AMANQAKU CANDELO A:**    **50**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

#### 2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umalume wakho iletu uphendula ebe kubhalele yona, esithi kuwe mxelele ukuba ufuna esiphi isipho xa ubhiyozela ukugqiba iminyaka eli-18.

- Idilesi yombhali nomhla.
- Isibuliso.
- Intshayelego, isiqu nesiphelo.
- Makabhale ecacisela umalume malunga nesipho eso asinqwenelayo, abulele nokubulela ukunikwa kwakhe elo thuba.
- Isiphelo (sibe seseleta yobuhlobo: Umtshana wakho negama lodwa).

[30]

#### 2.2 IOBHITSHUWARI

Abamelwane bakho bashiywe ngumtshana wabo, bacele wena ukuba ubabhalele iobhitshuwari yakhe. Bhala iobhitshuwari leyo.

- Igama elipheleleyo, umhla wokuzalwa, indawo azalelwe kuyo, abazali bakhe.
- Ukukhula umz: ukufunda, ukusebenza kwakhe (ukuba ebesebenza)
- Ukuqalwa yingulo, umhla wokusweleka.
- Usapho alushiya ngasemva (iqabane, abantwana, abantakwabo) namagama abo.
- Amazwi amkhaphayo anokuquka neziduko zakhe.

[30]

#### 2.3 IAJENDA NEMIZUZU

Ungunobhala weqela lakho lezemidlalo, benibambe intlanganiso ebimalunga nokulungiselela ukuya kudlala kwitumente yephondo lakho. Bhala iajenda nemizuzu yaloo ntlanganiso.

Iajenda: Ukunika indlela eza kuqhuba ngayo intlanganiso.

- Igama leqela.
- Umhla, ixesha nendawo yentlanganiso.
- Ulwamkelo nezingxengxezo.
- Imivuka.
- Imiba eza kuxoxwa.
- Eminye imiba.
- Uvalo.

[30]

Imizuzu: Ukunika ubungqina bokuhlala kwentlanganiso.

- Igama leqela.
- Umhla, ixesha nendawo yentlanganiso.
- Ukudwelisa amagama abantu abakhoyo nezingxengxezo.
- Imizuzu ephunyeziwyo evela kwintlanganiso yangaphambili.
- Ukubhala ingxoxo, iziggibo/inyathelo elithatyathiweyo nomntu oza kuthabatha uxanduva.
- Ixesha ephele/evalwe ngalo intlanganiso
- Intsayino.

[30]

## 2.4 INTETHO

Njengomfundi okwibanga le – 12, bhala intetho oza kuyenza ubulele iititshala zakho xa kusenziwa itheko lenu lokuthi ndlela-ntle kuni bafundi bebangga le-12.

- Umviwa makasazi isimbo sokuthetha aza kusisebenzisa, abaphulaphuli naza kuthetha ngako.
- Intetho mayiqale ngendlela etsala umdla.
- Makabulise abantu ngokohluka kwabo andule ukwazisa ngentetho yakhe.
- Amanqaku aphuhliswe kakuhle.
- Izincomo nezigxeko mazilungelelaniswe.
- Isiphelo sibalulekile kwaye ayisosishwankathelo sokuthethiweyo.

[30]

**AMANQAKU ECANDELO B:**

**30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

#### 3.1 IKHADI LESIMEMO

Kwiningqi yakho kuza kubakho umnyhadala wekhonsathi yokuvala unyaka. Njengomququzeleli wezolonwabo, bhala isimemo umeme iingingqi eziningqongileyo ukuze zizimase le khonsathi.

- Imo yomnyhadala.
- Indawo, umhla nexesha.
- Sinokuquka nendlela yokunxiba.
- Igama lommemi.
- Umntu emakuphendulwe kuye.

[20]

#### 3.2 IPOSIKHADI

Uthunyelwe eMelika yinkonzo yakho uye kumela ulutsha. Bhalela umama wakho iposikhadi umbalisele ngale ndawo ukuyo.

- Umhla nendawo umbhali akuyo.
- Isitampu, igama nedilesi yombhalelwa ekunene.
- Umxholo (kungasetyenziswa ulwimi olungekho sikweni).
- Isiphelo (igama lodwa).

[20]

#### 3.3 IZALATHISI

Udibana nomzali osuka eVicky fields ofuna ukuya eForest Fields emi ngakwisango elikwisitalato iTrafalgar. Lo mzali akayazi indlela eya khona, mncede umalathise lo ndlela.

- Phuma esangweni ujike ngasekhohlo.
- Nyuka ngesitalato iTrafalgar ude ufike kwisitalato iFrost.
- Jika ekhohlo uhambe ngqo uwele isitalato iDriver, xa ujunge ekunene uza kubona isikolo samantombazana sidlule.
- Qhubeka uhamba ngesitalato iFrost, ngena ekunene eCollege avenyu.
- Qhubeka uhamba ngqo, ekhohlo uza kubona iWilkinson Field, hamba njalo ude ufike eHaig avenyu ujike ekhohlo.
- Hamba kancinci ekunene uza kubona iParry Davies Field.
- Usahamba njalo uza kudibana nesango laseForrest Field elingenela ngasepulini.
- Ufikile ke ngoku eForrest Field.

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C:** 20  
**AMANQAKU EWONKE:** 100

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha izincoko (Zephepha lesi-3, ICANDELO A).
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu aphambili.
- Kwiikhrayitheriya yoMxholo, ULwimi NeSimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe lanomgangatho ongentla nongezantsi yanemimandla yamanqaku ahambelana nomgangatho ngamnye.
- Ikhrayitheriya yeSakhiwo yona ayichaphazeleki ngumgangatho ongentla nongezantsi.

**ICANDELO A: IRUBHRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO [50]**

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetebhetye	
<b>UMXHOLO</b>	<b>27–30</b>	<b>22–23</b>	<b>15–17</b>	<b>9–11</b>	<b>3–5</b>	
<b>NOCWANGCISO</b>  (Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa. Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko.	<b>Umgangatho ongentla</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindelekile.</li> <li>- Izimvo zihlakaniphile, zikhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko.</li> <li>- Isincoko sibekelelwengobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayebolelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu.</li> <li>- Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umda, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo.</li> <li>- Lingcamango zibekelwelengokwakhelanayo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphelo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo.</li> <li>- Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo.</li> <li>- Lingcamango zibekelwelengokunamatheleneyo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphelo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo ingena ipuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo.</li> <li>- Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko.</li> <li>- Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo ayikho mxholweni konkekonne.</li> <li>- Izimvo zibondene aziggalanga ntweni</li> <li>- Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/uthetha into enye.</li> <li>- Lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano.</li> </ul>
<b>30 AMANQAKU</b>	<b>24–26</b>	<b>18–21</b>	<b>12–14</b>	<b>6–8</b>	<b>0–2</b>	
	<b>Umgangatho ongezantsi</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekele phi kwisincoko.</li> <li>- Izimvo zivuthiwe zikhokonxa iingcinga.</li> <li>- Lingcamango zibekelwelengandandaniswa ngobugcisa kuquka intshayebolelo, isiqu kunye nesiphelo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo ixonxwe ngobugcisa.</li> <li>- Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umda.</li> <li>- Sibekelelwengobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka ntshayebolelo, isiqu nesiphelo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo iyanelisa nangona kumana kubakho ukungacaci kwiindawo ezithile.</li> <li>- Kukho ukunamathelana okubonakalayo kwizimvo kwaye kuyanelisa.</li> <li>- Kukho ukubekelwelengokwakhelanayo kweengcamango kwintshayebolelo, isiqu nesiphelo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo iphumile emxholweni ubukhulu becalo.</li> <li>- Izimvo ziyaqhawu-qhawuka ziyabhidisa.</li> <li>- Buyanqaphazeka ubungqina bokubekeléléka kweengcamango nonamathelwano.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Impendulo itenxile malunga nomxholo.</li> <li>- Izimvo zitenxile zingcwecwela kude nomxholo.</li> <li>- Lingcamango ziyingxubevange engenamqalisela.</li> </ul>

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU] (continued)

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>ULWIMI, ISIMBO &amp; NOKUHLELA</b>  Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko. Ukhetho-magama. Ukusetyenziswa kolwimi nesigama. limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopol.	<b>14–15</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene ngokugqwesileyo nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko.</li><li>- Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyathabathekisa.</li><li>- Ithoni enomtsalane nezafobe zentetho eziphumeza injongo.</li><li>- Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nokusetyenziswa kolwimi.</li><li>- Sixonxwe ngobugcisa obukhulu.</li></ul>	<b>10–11</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko.</li><li>- Ulwimi luchaneke ngakumbi kwaye ithoni isetyenziswe ngokuchaneka kwisincoko siphela.</li><li>- Iziphene zokusetyenziswa kolwimi nopol zinqongophele.</li><li>- Sixonxwe ngobugcisa obukhulu.</li></ul>	<b>6–7</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko.</li><li>- Ulwimi olufanelekileyo ludlulisa umyalezo.</li><li>- Ithoni ifanelekile.</li><li>- Izafobe zentetho zinonga umxholo.</li></ul>	<b>2–3</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ithoni, irejista, isimbo, isigama azifanelananga ncum nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko.</li><li>- Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka.</li><li>- Ithoni nochongo magama azifanelekanga.</li><li>- Isigama sinqongophele.</li></ul>	<b>0</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ulwimi aluvakali.</li><li>- Ithoni, irejista, isimbo, isigama asifanelananga kwaphela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko.</li><li>- Ukunqongophala kwsigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliwego.</li></ul>
<b>15 AMANQAKU</b>	<b>12–13</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ulwimi luchanekile kanye nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo.</li><li>- Phantse kube akukho nasinye isiphene olwakhiwo zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi.</li><li>- Sixonxwe ngobugcisa obukhulu.</li></ul>	<b>8–9</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala.</li><li>- Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala.</li><li>- Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopol.</li><li>- Sixonxwe ngobugcisa.</li></ul>	<b>4–5</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa asekho amakhwiniba.</li><li>- Ithoni ifanelekile kodwa izafobe zentetho ezisetyenzisiweyo zinqongophele.</li></ul>	<b>0–1</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye.</li><li>- Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintsha-tshintshwa.</li><li>- Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo.</li></ul>	
<b>ISAKHIWO</b>  limpawu zetekisi. Ukkukhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi.	<b>5</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo.</li><li>- linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga.</li><li>- Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqqisawa ngokugqwesileyo.</li></ul>	<b>4</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelanayo.</li><li>- Izimvo zinamathelene.</li><li>- Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo.</li></ul>	<b>3</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- linkcukacha ezesimxholweni zikhulisiwe.</li><li>- Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle.</li><li>- Isincoko sibunjwe ngengqiqo.</li></ul>	<b>2</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- Zikho iingcamango ezamkelekileyo.</li><li>- Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba.</li><li>- Isincoko sisenayo ingqiqo.</li></ul>	<b>0–1</b>  <b>Umgangatho ongentia</b> <ul style="list-style-type: none"><li>- lingcamango ezifunekayo zinqongophele.</li><li>- Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko.</li><li>- Isincoko asinangqiqo.</li></ul>
<b>5 AMANQAKU</b>	<b>40–50</b>	<b>30–39</b>	<b>20–29</b>	<b>10–19</b>	<b>0–9</b>
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>					

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [30 AMANQAKU]

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>  Ukungqala kwempendulo nezimvo. Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa. Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kanye nemeko.  <b>18 AMANQAKU</b>	<b>16–18</b>  - Impendulo iggwesile idlule okuqhelekileyo. - Izimvo ziqiqisisiwe kwaye zivuthiwe. - Luhangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Umsebenzi ungqalile uhleli emxholweni. - Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo. - lingcamango zidakancwe ngobunono zonke iinkcukacha zixhasa isihloko. - Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile.	<b>13–15</b>  - Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi. - Ingqalile ayiphumi nasemxholweni. - Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo. - linkcukacha zixhasa isihloko. - Ifomathi ifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi.	<b>9–12</b>  - Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokuggwidiza. - Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile. - Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko. - Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki.	<b>6–8</b>  - Impendulo ibonakalisa olungephi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni. - Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo. - Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. - Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziswe ngokungaqondi. - Kutyeshelwe izinto ezinanzi.	<b>0–5</b>  - Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni. - Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo. - Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. - Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe.
<b>ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b>  Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. - Phantse kube akukho nasinye isiphene.  <b>12 AMANQAKU</b>	<b>10–12</b>  - Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. - Phantse kube akukho nasinye isiphene.	<b>8–9</b>  - Ithoni, irejista, isimbo, isigama sicheke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle. - Isigama sichekile. - Ubukhulu becalo akukho zimpazamo.	<b>6–7</b>  - Ithoni, irejista, isimbo, isigama sicheke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo. - Isigama siyanelisa. - limpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo.	<b>4–5</b>  - Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo. - Sinqongophele isigama. - Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo.	<b>0–3</b>  - Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo. - Izele ziimpazamo ixazalala. - Isigama asifanelananga nenjongo. - Intsingiselo ilahleke kakhulu.
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>24–30</b>	<b>18–23</b>	<b>14–17</b>	<b>6–13</b>	<b>0–5</b>

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIFUTSHANE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetebhetye
	9–12	7–8	5–6	3–4	0–2
<b>UMXHOLO UKUCWANGCISA NEFOMATHI</b>  Impendulo nezimvo. Ukubekelwelwa kwezimvo. limpawu zetekisi/ umgaqo kanye nemeko.  <b>12 AMANQAKU</b>	- Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo. - Izimvo ziqlikaniphile kwaye zivuthiwe. - Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Umsebenzi unggalile akukho kuggwidiza Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo. - lingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko. - Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile.	- Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi. - Ingqalile ayiphumi nasemxholweni. - Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamathelenyo kumxholo nezimvo. - linkcukacha zixhasa isihloko - Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala.	- Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokuggwidiza - Ukunamathelana kumxholo nezimvo.kwenzeka ngokufanelekileyo. - Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko. - Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga.	- Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni. - Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo. - Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. - Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi.	- Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. - Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho intsingiselo iduke kwisakhwi esixazalala. - Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo. - Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. - Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe.
	7–8	5–6	4	3	0–2
<b>ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>  Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. - Phantse kube akukho nasinye isiphene.  <b>8 AMANQAKU</b>	- Ithoni, irejista, isimbo, nesigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle. - Isigama sichanekile. - Ubukhulu becalalazikho iimpazamo.	- Ithoni, irejista, isimbo, nesigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iiimposiso. - Isigama siyanelisa. - Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo.	- Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko. - Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo. - Sinqongophele isigama. - Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo.	- Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo. - Izele ziimpazamo ixazalala iyadida. - Isigama asihambelani nenjongo. - Intsingiselo ilahlekile kakhulu.	
UMMANDLA WAMANQAKU	16–20	13–15	9–12	6–8	0–5